



Nalibali

It starts with a story...

Keeping it small

Small reading clubs offer lots of opportunities for exploring stories and books with children. All you need, is to love stories and to want to share them with children – plus one or two adults who can read, and about five to eight children! Add a bag of books, and some writing and drawing tools (like crayons, pencils, pens and paper) and you're on your way!

You could start a club at home with your own children and a few of their friends. (The children can be any age – from tots to teens.) Or, you could offer to start a reading club with children at a local school, church, mosque or library.

In a small club, it is easy to get to know the children well. Share your favourite books and find out each child's personal taste in stories. Spend time talking together about stories – this is as important as reading together!

But how do you know which books to choose? Visit a library with a good children's section and spend time browsing there regularly. Get to know the children's librarian and ask for advice about the books children enjoy. Borrow at least one storybook that you really like, practise reading it and then read it aloud at your club. As you get to know the children well, you'll find yourself looking for stories that deepen their curiosity and interests!

And what about writing? Try to make time for writing at each reading club session. Children love writing diaries and it's a great way to grow their writing ability in their home language and/or an additional language. Encourage the children to write (and draw) in their diaries about absolutely anything – their thoughts, feelings, ideas or what they enjoyed doing on a particular day. (Make sure that they know that what they write is private unless they choose to share it with others.) It's best not to correct their spelling – it's what they are saying that is important. But you can inspire them by writing in your own diary and then sharing your ideas, beautiful handwriting and correct spelling with them.

Whatever you choose to do at your reading club, encourage the children to participate – but don't force them. The aim is to enjoy yourselves as you discover and share stories together.

Yigcine incinane

Iiklabhu ezincinane zokufunda zinika amathuba amaninzi okuchubelana ngamabali neencwadi nabantwana. Inye nje kuphela into oyifunayo, kukuthanda amabali kwaye uthande nokwabelana ngawo nabantwana – kunye nomntu omdala omnye okanye ababini abakwaziyo ukufunda, nabantwana abamalunga nabahlanu ukuya kwabasibhozo! Xa uthe wongeza isingxobo esineencwadi, kunye nezixhobo zokubhala nokuzoba (ezifana neekhrayoni, iipensile, iintsiba zokubhala kunye nephepha) uyakuba uxhobe wafohlela!

Ungaqala iiklabhu yokufunda ekhaya nabantwana bakho nabahlobo babo abambalwa. (Abantwana bangaba bubo nabuphi na ubudala – ukusuka kwabasabhadazayo ukuya kwabafikisayo.) Okanye, ungacela ukuqalisa iiklabhu yokufunda nabantwana besikolo sasekuhlaleni, ecaweni, emoski okanye kwiithala leencwadi.

Kwiklabhu encinane, kulula ukubafunda ubazi kakuhle bonke abantwana. Yabelana nabo ngezona ncwadi uzithanda kakhulu uze ufumanise ukuba ngawaphi awona mabali athandwa ngumntwana ngamnye, kwaye iluhlobo luni lwamabali. Chithani ixesha nincokola ngamabali – oku kubaluleke kanye njengokufunda ninonke!

Kodwa ke, uzazi njani iincwadi omawuzikhetha? Ndwendwela ithala leencwadi elinecandelo eliqulethe iincwadi zabantwana ezininzi ze uchitha ixesha uphendla-phendla rhoqo eli candelo. Zazise kusoithala ojongene nabantwana uze ucele iingcebiso malunga neencwadi abantwana abanokuzonwabela. Boleka incwadi yamabali oyithanda kakhulu nokuba inye ubuncinane, ziqhelise ukuyifunda

For tips and ideas on starting your own reading club, visit our Reading Club Basics section at www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.



ngokuvakalayo uwedwa ze uyifunde ngokuvakalayo kwiklabhu yokufunda yakho. Njengokuba ubafunda kwaye usiya ubazi kakuhle abantwana beklabhu yokufunda yakho, uza kufumanisa ukuba ukhangela amabali enza wondele umdla wabo nokufuna ukwazi kwabo!

Kunjani ngokubhala? Zama ukubekela bucala iithuba lokubhala kwindibano nganye yeklabhu yokufunda. Abantwana bayakuthanda ukubhala iidayari kwaye ukwenza oko yeyona ndlela intle yokukhuthaza ukubhala ngolwimi lwabo lwasekhaya kunye/okanye olunye ulwimi abasalufundayo. Bakhuthaze abantwana ukuba babhale (kwaye bazobe) kwiidayari zabo ngayo nayiphi na into – iingcinga zabo, iimvakalelo, iimbono okanye oko bathe bakonwabela ukukwenza ngosuku oluthile. (Qinisekisa ukuba bayazi ukuba oko bakubhalileyo kokwabo bodwa, akunakufundwa ngomnye umntu ngaphandle kokuba bona bafuna ukwabelana ngako nabanye.) Kokona kulungileyo ukuba ungazihluphi ngokulungisa iziphene zopelo – okubalulekileyo koko bakuthethayo. Kodwa ke wena ungabakhuthaza ngokubhala kweyakho idayari uze wabelane nabo ngezakho iingcinga, indlela entle obhale ngayo kunye nopelo lwako oluchanekileyo.

Nokuba ukhetha ukwenza ntoni na kwiklabhu yokufunda yakho, khuthaza abantwana ukuba bathathe inxaxheba – kodwa musa ukubanyanzela. Injongo kukuba *nizonwabele* njengokuba nikhangela kwaye nisabelana ngamabali ninonke.

Ukuze ufumane iingcebiso neembono zokuqala eyakho iiklabhu yokufunda, ndwendwela icandelo lethu leZinto eziPhambili kwiiKlabhu zokuFunda elibizwa ngokuthi yiReading Club Basics ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your
imagination

Read to me. Never too early.
Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye nanini na.





Story stars



A teen author

For International Youth Day (12 August), we caught up with teenager, Nicole Malcolmson, from Pretoria who has enjoyed making up stories ever since she was a little girl. Last year, at the age of 17, she had her first novel, *Tainted Blood*, published. We chatted to Nicole about reading and writing.

Have you always loved books and reading?

I only started reading books in Grade 4 when my mom sent me to a programme that helps children with reading difficulties to improve their reading. Up until then I hated books, but I have always loved listening to stories.

How do you feel about books now?

I can't imagine a world without books and I carry one or two with me wherever I go.

Where do you get your ideas for stories?

My inspiration comes from everywhere; from the books I read, movies and shows I watch, to taking a walk around my grandparents' home. Sometimes the ideas just flow, but then I need to try and figure out the smaller details. I always carry a notebook and pen to write down any ideas I get.

How do you balance school and writing?

I'm in Grade 11 this year and school work does get in the way quite a bit, so there are some days when I can't write, which is frustrating. I usually have an exam pad with me at school so I can do some writing if I finish my work a bit early. If I sleep over at a friend, I take my laptop along.

What advice would you give young writers?

Try to write at least a sentence every day. It doesn't have to be perfect, just write it down and then you can always go back and fix it. Keep a notebook or a recorder on hand at all times so that when you get an idea you can record it immediately – otherwise you will forget the idea. Re-read what you've written previously as often as you can because sometimes that helps you figure out what you should write next to keep the story flowing.



Pic: Daniel Born

Nicole Malcolmson

Iimbalasane zamabali

Umbhali osafikisayo

NgoSuku loLutsha lweHlabathi (umhla we-12 kweyeThupha), siye sahlangu nentombazana efikisayo egama linguNicole Malcolmson, yasePitoli, eyaqala ukonwabela ukuqamba nokubalisa amabali iseyintombazanana encinane.

Kulo nyaka ophelileyo, eseneminyaka eli-17, upapashe inoveli yakhe yokuqala esihloko sithi, *Tainted Blood*. Sincokole noNicole malunga nokufunda nokubhala.

Ingaba kudala wazithanda iincwadi kunye nokufunda?

Ndiqale ukufunda iincwadi kwiBanga lesi-4 kuphela, xa umama wam wathi wandithumela kwinkqubo enceda abantwana abaneengxaki zokufunda nalapho bayakuthi baphucule khona ukufunda kwabo. Phambi kokuba ndizimanye naloo nkqubo, ndandizicaphukela iincwadi, kodwa ndandikuthanda kakhulu ukumamela amabali.

Uziva njani ngeencwadi ngoku?

Andikwazi ukuba nomfanekiso-ngqondweni wehlabathi elingenazo iincwadi kwaye ndisoloko ndiphethe enye okanye ezimbini naphi na apho ndihamba khona.

Uzifumana phi iingcamango zakho zamabali?


Impembelelo ndiyifumana kuyo yonke indawo ukusuka kwiincwadi endizifundayo, imiboniso-bhanyabhanya neminye imiboniso endiyibukelayo, ukuya ekuhambahambeni ndijikeleza kwamakhulu. Ngamanye amaxesha iingcinga ziyazizela, kodwa kufuneka ndizame ndicingisise iinkcukacha ezizikhaphayo neziziqibezelayo. Ndisoloko ndiphethe incwadana yokubhala amanqaku nosiba lokubhala ukuze ndibhale phantsi naziphi na iingcinga neembono ezindifikelayo.

Ukucwangcisa njani ukulinganisa ixesha lomsebenzi wesikolo kunye nokubhala?

Ndifunda kwiBanga le-11 kulo nyaka kwaye umsebenzi wesikolo uphazamisa kakhulu, ngoko ke kukho iintsuku endingakwaziyo ukubhala ngazo, nto leyo endikhathaza kakhulu. Ndisoloko ndinoxwebhu lwamaphepha okubhala esikolweni ukuze ndikwazi ukubhala xa umsebenzi wam wesikolo ndiwugqibe kwangethuba. Ukuba ndiza kuchitha ubusuku kwikhaya lomhlobo wam, ndihamba nelaptop yam.

Ungabacebisa uthini ababhali abaselula?

Zama ukubhala ubuncinane isivakalisi esinye ngemini. Akunyanzelekanga ukuba sibe sisivakalisi esigqibeleleyo, sibhale nje phantsi, usenokubuyela kuso usilungise emva koko. Gcina incwadana yamanqaku okanye umatshini wokushicilela ukufutshane ngalo lonke ixesha ukuze xa uthe wanengcinga uyishicilele ngoko nangoko – kungenjalo uya kuyilibala loo ngingane. Phinda ukufunde rhoqo oko ubukubhalile kuba ngamanye amaxesha oko kuyanceda ukuze ucinge ukuba uza kuqhubeke ubhale ntoni elandelayo ukuze ibali lakho libe nokuqhubeleka phambili.



Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.



* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars.

Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizininikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars.

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- | | |
|---|--|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement. | 1. Thabatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again. | 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona. |
| 4. Cut along the red dotted lines. | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu. |



UMntwana weNkawu wafaka ezinye zeebhana emlonjeni weNgwenya! Waza wathatha ezishiyekileyo wabaleka nazo.

Baby Monkey put some bananas into Crocodile's mouth! He took the rest of the bananas and ran away.



Uthe ke uNgwenya wadadela ngakuye. "Ezo bhana zibukeka zintle!" utshilo. Kodwa eyona nto wayeyijongile yayinguMntwana weNkawu! Wavula umlomo wakhe ...

Then Crocodile swam up to him. "Those bananas look good!" he said. But he was really looking at Baby Monkey! He opened his mouth ...



Fold

The Little Library



Baby Monkey's bananas is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. The readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website www.cup.co.za.

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Fold 3

CAMBRIDGE

Baby Monkey's bananas

libhanana zoMntwana weNkawu



Sue Hepker
Graeme Viljoen




“I must go for a swim,” said Elephant.
 So Elephant swam. Baby Monkey sat next to
 the river with his bananas.
 “Kufuneka ndiyokubhala,” watsho uNdlou.
 Wabe ke sele equbha uNdlou. UMntwana
 weNkawu wahlala ngasemlanjeni
 neebhanana zakhe.



Fold ↩

As he ran, he felt the ground shaking.
 Something was running behind him.
 What could it be?



Baby Monkey loved bananas. He took them
 from his brothers and sisters.

“No, Baby Monkey!” said Mother Monkey.

UMntwana weNkawu wayezithanda iibhanana.
 Wayezithatha kubantakwabo nakoodade wabo.

“Hayi, Mntwana weNkawu!” watsho uMama
 weNkawu.



Then Mother Monkey came.

“Look,” she said. “I have some bananas for you.”


Kuthe kusenjalo kwafika uMama weNkawu.

“Jonga,” watsho. “Ndikuphathele iibhanana.”

Fold ↩ 4

It was Rhino! Baby Monkey dropped the bananas on the ground. He jumped into a tree.


YayinguMkhombe! UMntwana weNkawu wazilahla phantsi iibhanana. Waxhumela emthini.



Fold

So Elephant took some bananas. Then Elephant carried Baby Monkey and his bananas to the river.


Uthe ke ngoko uNdlou wathatha ezinye iibhanana. Waza uNdlou wathwala uMntwana weNkawu kunye neebhanana zakhe waya emlanjeni.



Baby Monkey looked at the rest of the bananas. "There are not enough bananas for all my brothers and sisters," he thought. So he ate them. Baby Monkey was very, very full.

UMntwana weNkawu wajonga iibhanana ezishiyekileyo.

"Ezi bhanana azizukubonela abantakwabo nodade wethu kakade," wacinga njalo. Waze wazitya zonke. UMntwana weNkawu wayehluthi kakhulu, ebhukuxile.



Mother was angry. Baby Monkey didn't like that.


"I'll run away!" he said. So he ran into the bush.

UMama wayenomsindo. UMntwana weNkawu akazange ayithande loo nto.

"Ndiza kubaleka!" watsho. Waza wabaleka wangena ehlathini.

Fold

Waza wabona uNdlou.
 “Ndlou, ndicela undincede undithwalele ezi bhanana.”
 “Mmm,” watsho uNdlou. “Ndiza kukunceda, Mntwana weNkawu, kodwa khawundinike ezinye iibhanana.”




Then he saw Elephant.
 “Elephant, please help me carry these bananas.”
 “Mmm,” said Elephant. “I’ll help you, Baby Monkey, but give me some bananas.”

Baby Monkey saw a big banana tree. There were many bananas on the tree. There were bananas for all his brothers and sisters. But Baby Monkey was too small to carry the bananas.



UMntwana weNkawu wabona umthi omkhulu webhanana. Kwakukho iibhanana ezininzi emthini. Kwakukho iibhanana zabo bonke abantakwabo noodade wabo. Kodwa uMntwana weNkawu wayemncinci kakhulu ukuba angathwala iibhanana ezingako.

Rhino ran past. He didn’t see the bananas. He walked on them.
 UMkhombe wabaleka wegqitha. Wayengazange azibone iibhanana. Wayathela phezu kwazo.



Baby Monkey was sad. He picked up the bananas. He was very hungry.

“I’ll eat one,” he said.

The banana was so tasty, so he ate two.

UMntwana weNkawu wayekhathazekile. Wazichola iibhanana ezishiyekileyo. Wayelambe kakhulu.

“Ndiza kutya ibe nye,” watsho.

Yayimnandi kakhulu ibhanana, watya zambini.



Get story active!



After you and your children have read *Baby Monkey's bananas*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

-  At the beginning of the story, Mother Monkey is cross with Baby Monkey. Ask your children to suggest why she feels angry with him. Do they think she is right to feel angry?
-  On page 14 of the story, Baby Monkey helps himself to a lot of bananas. Ask your children whether they think he should have taken so many bananas. What would they have done?

If you have 30 minutes...

-  Imagine that the story carried on after page 15. Encourage your children to draw a picture and write about what they think might happen on the next page. Help younger children by writing the words that they tell you.

If you have one hour...

-  Make some delicious banana fritters together! (This recipe makes six fritters.)

You will need: 3 bananas; ½ cup self raising flour; a little more flour for rolling the bananas in; 625 ml water and some oil for frying.

Follow these steps:

1. Sift the flour into a bowl and mix in the water to make a batter.
2. Leave the batter to stand for 10 minutes.
3. Cut the bananas in half and roll them in flour.
4. Dip them in the batter and then drop them in hot oil to deep fry until they are golden brown.
5. Enjoy them on their own – or with syrup and ice cream!

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *Iibhanana zoMntwana weNkawu*, zamani ezi ngcinga zilandelayo.

Ukuba unemizuzu eli-10...

-  Ekuqaleni kwebali, uMama uNkawu umqumbele uMntwana weNkawu. Buza abantwana bakho ukuba bacinga ukuba kutheni enomsindo nje. Ingaba bacinga ukuba kufanelekile ukuba abenomsindo?
-  Kwiphepha le-14 ebalini, uMntwana weNkawu utya iibhanana ezininzi. Buza abantwana bakho ukuba ingaba bacinga ukuba bekulungile kusini na ukuba uMntwana weNkawu atye iibhanana ezininzi kangako. Babuze ukuba bona bebeza kwenza ntoni na?

Ukuba unemizuzu engama-30...

-  Thelekelela ukuba ibali liqhubekile emva kwephepha le-15. Khuthaza abantwana bakho bazobe umfanekiso baze babhale oko bacinga ukuba kwenzekile kwiphepha elilandelayo. Nceda abantwana abancinane ngokuthi ubhale phantsi oko bakuxelela kona.

Ukuba uneyure...

-  Yenzani amaqebengwana amnandi ebhanana ninonke! (Le resiphi yenza amaqebengwana amathandathu.)

Uza kudinga: iibhanana ezi-3; i-½ yeflawa ezinyukelayo; enye intwana yeflawa oza kuqengqa iibhanana kuyo; ama-625 ml amanzi kunye ne-oli yokugcoda.

Landela la manyathelo:

1. Sefela iflawa esityeni sokuxovela ze uxube namanzi ukwenza itlama ethambileyo.
2. Linda intlama imizuzu eli-10.
3. Sika iibhanana phakathi uze uziqengqe eflaweni yokuqengqa.
4. Zinkuze kulaa ntlama uze uzifake kwi-oli eshushu uze uzigcade zide zibe brawuni nabugolide.
5. Wonwabele ewodwa nje loo maqebengwana – okanye enesiraphu okanye i-ayiskhrim!

Reading club corner

Sending postcards to your friends is a fun way of sharing ideas about books you enjoyed reading, or are reading at the moment. Use this template to make your own postcard to send to someone you know.

1. Cut along the dotted lines.
2. Fold your postcard in half.
3. Place a piece of cardboard (from a cereal box) in the middle.
4. Paste the template onto the cardboard.
5. Write something about your favourite book. You could copy a part you enjoyed, or draw a character or scene from the book to inspire your friend to read the story too.
6. Write the address and add a stamp before you send your postcard!

Ikona yeklabhu yokufunda

Ukuthumela amakhadi kubahlobo bakho yindlela eyonwabisayo yokwabelana ngeengcinga malunga neencwadi okonwabeleyo ukuzifunda, okanye ozifundayo ngaloo mzuzu. Sebenzisa eli cwecwe ukwenza elakho ikhadi oza kulithumela emntwini omaziyo.

1. Sika ulandela imigca echokoziweyo.
2. Songa ikhadi lakho phakathi.
3. Beka isiqwengana sekhadibhodi (osisike kwibhokisi yesiriyeli) phakathi.
4. Ncamathisela icwecwe kwikhadibhodi elo.
5. Bhala okuthile malunga neyona ncwadi uyithandayo. Unakho nokukopa inxalenye oyithandayo kuyo, okanye uzobe umlinganiswa okanye umboniso ovela encwadini apho, ukuvuselela nokuphembelela umhlobo wakho ukuba alifunde naye elo bali.
6. Bhala idilesi uze ufake isitampu phambi kokuba ulithumele ngeposi ikhadi elo!



Iibhanana
It starts with a story...



Story corner

Here is the final part of the story about Nolitha, who loved mermaids, for you to read aloud or tell.

The mermaid's purse (Part 2) by Jude Daly

After lunch, Nolitha and Mama paddled in the shallow water, jumping over waves and racing them back to shore until Mama said, "Shoo, Nolitha, now I need a rest!" So Nolitha wandered back to the rocks where she stretched out and listened to the lap-lap of a sea lullaby.

A seal broke through the surface of the water. Nolitha was sure it was a seal, she had seen pictures of them. For a moment, its huge sad eyes gazed at her. Then it was gone. Soon though, it re-surfaced and pulled itself up onto a rock. Nolitha sat spellbound ... it was not a seal now, it was a boy!

The boy came closer, and closer, and carefully placed something in front of Nolitha. Then he turned and made his way back to the water. Hesitantly, Nolitha picked up the thing and turned it over in her hands. It was a mermaid's purse. It was exquisite!

Nolitha got up to thank the boy. But, before she could do so, he glanced back at her and then dived into the sea. And, as his body hit the water, he was a seal again.

"Nolitha, Nolitha," shouted Mama, "home time!"

Nolitha gathered all her mermaid's money into her mermaid's purse. Then she made her way back to Mama, looking back at the sea every now and again. But she saw no seal, and no boy; only the waves that kept on coming.

As they journeyed into the night, Nolitha showed Mama the beautiful mermaid's purse.

"Extraordinary!" said Mama.

And Nolitha told Mama all about the seal-boy who gave it to her.

"Even more extraordinary!" said Mama.

And then, as Nolitha drifted off to sleep, Mama smiled a faraway smile and whispered, "It was exactly there that I saw one when I was a little girl."



Illustration by Magriet Brink
Umfanekiso nguMagriet Brink



Win!


Send us a picture of your postcard from page 7 before you post it and you could win a hamper of books from Exclusive Books! You can send it to us by email (letters@nalibali.org) or post (Nal'ibali, PRAESA, UCT, Private Bag, Rondebosch, 7701) or upload it to our Facebook page (www.facebook.com/nalibaliSA). Entries close: 13 September 2013.

EXCLUSIVE BOOKS

In your next Nal'ibali supplement:

- Find out what motivates children to read
- Story Stars: A librarian who uses stories to learn
- Reading club corner: Writing book reviews
- A mini-book, *The witch who lives on the hill*
- The first part of the story, *The magic paintbrush*

Need help coming up with ideas to help your children's literacy grow? Visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi for our growing collection of reading and writing tips!



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook: ku-
www.facebook.com/nalibaliSA

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga noNolitha owayethanda oomamlambo, lifunde ngokuvakalayo okanye ulibalise.

Isipaji sikamamlambo (Inxalenye 2) nguJude Daly

Emva kwesidlo sasemini, uNolitha noMama baqubha ngaselunxwemeni bemana betsiba phezu kwamaza ze baphinde badudulwe ngawo ukuya elunxwemeni, de uMama wathi, "Shu, Nolitha ndidiniwe ngoku, ndifuna ukuphumla!" Ngoko ke uNolitha wabuyela kwasematyeni apho wafika wazolula waza wamamela ingonyana eyenziwa ngamaza aselwandle.

Kwaphumainja yaselwandle emanzini. UNolitha wayeqinisekile ukuba yinja yaselwandle, kuba wayeyibonile imifanekiso yazo. Okomzuzwana, amehlo ayo amakhulu nalusizi amjonga. Kwa-oko yaphinda yanyamalala. Kwakamsinyane ke kodwa, yaphinda yavela yaza yaphumela ematyeni. UNolitha wahlala apho emangalisiwe ... yayingeyonja yaselwandle ngoku, yayiyinkwenkwe!

Le nkwenkwe yaye isondela ngokusondela yaze yabeka into ethile phambi kukaNolitha. Emva koko yayijika yabuyela emanzini. Ngokuthandabuza, uNolitha wayichola loo nto waze wayiguquguquula ngezandla zakhe. Yayisisipaji sikamamlambo.

Sasingesihle ngoko!

UNolitha waphakama efuna ukubulela inkwenkwe leyo. Kodwa, phambi kokuba akwazi ukwenza oko, yamthi krwaqu nje yabe seyizijula elwandle. Kwathi xa umzimba wayo udibana namanzi, yaphinda yaguquka yaba yinja yaselwandle.

"Nolitha, Nolitha," wakhwaza uMama, "lixesha lokugoduka!"

UNolitha waqokelela yonke imali yakhe kamamlambo wayifaka esipajini sikamamlambo. Waza wangena endleleni eya kuMama, emane enyeka, ejonga elwandle umzuzu nomzuzu. Kodwa zange abone nja yaselwandle, engazange abone nankwenkwe; ngaphandle kwamaza awayesondela elunxwemeni abuye abuyele phakathi elwandle.

Njengokuba behamba ebusuku, begoduka, uNolitha wabonisa uMama isipaji sikamamlambo esihle.

"Kuyamangalisa ke oku!" watsho uMama.

UNolitha wabaliseka uMama malunga nenja-nkwenkwe yaselwandle ethe yamnika isipaji eso.

"Kumangalisa nangakumbi ke oku!" watsho uMama.

Lo gama uNolitha ozelayo, uMama wancuma uncumo lweengcinga ezinzulu wasebeza esithi, "Kwakulapho kanye apho ndayibonayo khona nam ndiseyintombazanana encinane."

Wina!

Sithumele umfanekiso wekhadi lakho elikwiphepha lesi-7 phambi kokuba ulipose ukuze ube sethubeni lokuphumelela ihempu yeencwadi evela kwaExclusive Books! Ungawuthumele nge-imeyili kule dilesi (letters@nalibali.org) okanye uwuthumele ngeposi kule dilesi (Nal'ibali, PRAESA, UCT, Private Bag, Rondebosch, 7701) okanye uwuthumele kwiphepha lethu likaFacebook (www.facebook.com/nalibaliSA). Umhla wokugqibela wamangenelo ngowe-13 kweyoMsintsi wama-2013.

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Fumanisa ukuba bakhuthazwa yintoni abantwana ukuze bafunde
- limbalasane zamabali: Usothala osebenzisa amabali ukufunda
- Ikona yeklabhu yokufunda: Ukubhala izigxeko-kuncoma ngeencwadi
- Incwadana encinane, *Igqwirhakazi elihlala egedukeni*
- Inxalenye yokuqala yebali elisihloko sithi *Ibrashi yokupeyinta yomlingo*

Ingaba udinga uncedo malunga neengcinga neembono eziza kunceda ukuphuhlisa ilitheresi kubantwana bakho? Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ube nokufikelela kwingqokelela yethu ekhulayo yeengcebiso zokufunda nokubhala!

